# Zipina Inkokeli Ezinje ngo Daniel?

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto

Bona ke! Namhlanje ndifun'uqondile
Mfondini wakuti nantso intlekele
Kuba singumhlamb' ohlal' ucitakala
Vumani madoda! Taruni Zintombi.

Zipi Inkokeli ezinje ngo Danyeli
Ngawutsho kaloku Sivuma-ngamehlo
Inkokeli ebezingenamposiso
Zifuneni nime ngamakul'w'amahlati

Inkokeli ezingumtunzi we Sizwe
Ezinyaniso zipuma e Tixweni
Yintaka ninale imnyama ngesinqe
Abantwana be Nkosi bayapela zinc'uka

Inkokeli ezingenantlondi imbi
Zifuneni nizandlalele uk'uko
Inkokeli ezingafane zifunze
Awu! Sagqutyelwa ngumququ we [Sanda.

Inkokeli ezingoguda zilingeke
Ocombulula amaq'ina xakayo
Ze zakuqonda ukuba konakele
Zicebisane no Tixo Olisiko.

Azifuneki zona ezixokayo
Nesizwe konke asinakuzitemba
Andikupinda nditshilo nje nditshilo
Abantwana be Nkosi bayapela Zinc'uka

Neziselayo ngokuncamisileyo
Azifuneki zidal' amaranuga
Zix'wita kuti xa zifun' imbhodlela
Ife ke kunjalo imisebenzi yetu

Zipi Inkokeli ezinje ngo Daniel
Nezinje ngo Shadrack, Meshack, Abed- [nego
Nezinje ngo Yoshua, Aaron no Moses
Abangxolisi bezulu lidudma

Ezazinotando Umanyano no Tixo
Zipum' izilo zonke zigcakamele
Ezazitandaza zimise ne Langa
Zikangelane nentaba ezingqele.
Ezazinama Bhotwe emisebenzi
Zingabe zicikoza zibe zilamba
Hamba ke Nzwana yakude e Afrika
Igqusheke nendlela ebheka e Zulwini.

Lento iyi Nkokeli Yingwe yetunzi
Efika namabhay' avele Zulwini
Iyabonakala xa iyeye Nkosi.
Andigxeki nina ke ngakuba nditsho.

Sifuna Inkokeli ezinje ngo Daniel
Kuba madoda sipantsi kwenyawo
May'dude ke Imidaka sibonele
Nondingambonganga ndoba ndimbo- [ngile. Camagu!!

UMTETELI WA BANTU
(JOHANNESBURG)
APRIL 5th, 1924.